

# NALIBALI

## You can read anywhere!

May is Get-Caught-Reading Month! It's the month when we remind ourselves and others that reading is part of our daily lives. Reading for pleasure is something we can do anywhere and anytime!

Here are some ideas that communicate the "reading is part of our lives" message for you to try out this May.

### SPEND JUST 15 MINUTES A DAY READING STORYBOOKS ALOUD TO YOUR CHILDREN.

- ★ Make it a relaxed and enjoyable time. When your children realise that stories can be found in books, they will try to read for themselves. Good readers at school are often the children who read at home with family and friends.
- ★ Many parents and grandparents set aside a special time every day to read to their children or grandchildren. They often choose to do this at bedtime, but some children may find it easier to concentrate at other times of the day. This month try reading together at different times of the day, as well as at your usual time. For example, you could try reading to your children when you get home from work, after bath time, immediately after supper, or first thing after you wake up over a weekend!

### WHAT IS THE MOST UNUSUAL PLACE YOU CAN THINK OF TO ENJOY A BOOK?

- ★ This month try reading to your children in different places. Read to them on the way to school in the taxi or bus, or when they are in the bath. Over a weekend, when you have more time, go for a walk together in a park, at the beach or in the mountains, and take some books and a blanket with you. As you walk along, look out for a nice reading spot – then settle down on the blanket, relax and read!



The easiest way to encourage others to read, is simply by being a reading role model yourself – when you regularly read for enjoyment, you show others that reading is a worthwhile leisure activity. So, this May don't forget to get caught reading!



Eyona ndlela ilula yokukhuthaza abanye ukuba bafunde, kukuba wena ngokwakho ube ngumzekelo wokufunda – xa ufundela ukuzonwabisa, ubonisa abanye ukuba ukufunda sisenzo esifanelekileyo sokuchitha ixesha. Ngoko ke, ngale nyanga kaCanzibe uze ungalibali ukubhaqwa ufunda!

## Unokufunda naphi na!

Inyanga kaCanzibe yiNyanga-yokuBhaqwa-uFunda! Yinyanga esizikhumbuza ngayo thina nabanye ukuba ukufunda yinxalenye yobomi bethu bemihla ngemihla. Ukufundela ukuzonwabisa yinto esinokuyenza naphi futhi nanini na!

Nazi ezinye izimvo eziqulathe umyalezo wokuba "ukufunda yinxalenye yobomi bethu" ukuze ukuzame oku kule kaCanzibe.

### CHITHA IMIZUZU ELI-15 NJE NGOSUKU UFUNDELA ABANTWANA BAKHO INCWADI ZAMABALI NGOKUVAKALAYO.

- ★ Lenze ukuba eli xesha libe lelukuphumla nelokuzonwabisa. Xa abantwana bakho sebekuqonda ukuba amabali ayafumaneka ezincwadini, baya kuzama ukuzifundela ngokwabo. Abafundi abachebelezayo xa befunda esikolweni bakhulisa ukuba ngabantwana abafundayo ekhaya nosapho kunye nabahlobo.
- ★ Abazali nookhulu abaninzi banika abantwana okanye abazukulwana babo ixesha elilodwa yonke imihla. Kaninzi bakhetha ukukwenza oku ngexesha lokuya kulala, kodwa abanye abantwana bangaziva bekwazi ukuzikisa iingqondo ngamanye amaxesha emini. Kule nyanga, zama ukuba nifunde kunye ngamaxesha ahlukahlukeneyo ngemini, nangexesha lenu lesiqhelo. Umzekelo, ungazama ukufundela abantwana bakho xa ufika ekhaya uvela emsebenzini, emva kwexesha lokuhlamba, kwangoko emva kwesidlo sangokuhlwa, okanye kube yinto yokuqala nakuba nivukile ngeempelaveki!

### YEYIPHI EYONA NDAWO INGAQHELEKANGA KAKHULU OYICINGAYO ONOKONWABELA INCWADI YAKHO KUYO?

- ★ Kule nyanga zama ukufundela abantwana bakho kwiindawo ezahlukahlukeneyo. Bafundele endleleni eya esikolweni etekisini okanye ebhasini, okanye xa bevasa. Ngempelaveki, xa ninexesha elithe kratya, hambahambani epakini, ngaselwandle okanye ezintabeni, nibe neencwadi enizithathayo kunye nengubo. Xa nihambahamba, khethani indawo efanelekileyo yokufunda – hlalani ke ngoko phezu kwengubo, khululekani nifunde!



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGBALI.

## Story stars



### Bumble Books: Children's books that matter!

In 2014, Bumble Books began publishing children's picture books for early readers with well-written stories and beautiful pictures that are fun and exciting to read. The stories are written by new South African writers and illustrators who are also writers.

Bumble Books also publishes picture books from overseas so that South African parents and children can understand and appreciate that people from different countries are the same even if their languages and cultures are different. By reading about the people, animals and environments of the world, we become more aware of the need to protect our natural heritage wherever we are.

In 2016, Bumble Books won the world-renowned Bologna Prize Children's Publisher of the Year: Africa, and in 2017, was invited to attend the Shanghai Visiting International Publishers Programme Fellowship. In March this year, Bumble Books launched the Bumble Books Literacy Campaign, in which, for each new release book sold, Bumble would donate a copy of the same book to a literacy project, school, hospital or library in need.

There are many picture books for younger (and older!) readers to enjoy. On pages 5, 6, 11 and 12 of this supplement we have included *Catnap*, a Bumble Books' wordless picture story, adapted as a cut-out-and-keep book for your story collection!

For more information about Bumble Books, please contact Robin Stuart-Clark on 021 789 0155 or at [robin@bumblebooksonline.com](mailto:robin@bumblebooksonline.com) / [facebook.com/bumblebooks](https://www.facebook.com/bumblebooks).



## Iimbilasane zamabali



### IBumble Books: iincwadi zabantwana ezilulutho!

Ngonyaka wama-2014, iBumble Books yaqalisa ukupapasha iincwadi zabantwana zemifanekiso zabafundi abasaqalayo, zinamabali abhalwe kakuhle anemifanekiso emihle ezonwabisa nezichulumancisa ukuzifunda. Amabali abhalwe ngababhali abasaqalayo baseMzantsi Afrika nangabazobi abakwangababhali.

IBumble Books ikwapapasha iincwadi zemifanekiso zamazwe angaphesheya kolwandle ukuze abazali nabantwana baseMzantsi Afrika babe nokuqonda baxabise ukuba abantu bamazwe ohlukeneyo bayafana nangona iilwimi neenkucubeko zabo zohlukene. Ngokufunda ngabantu, izilwanyana nokusingqongileyo kwihlabathi sitsho siqonde imfuneko yokukhusela ilifa lethu lemveli kuloo ndawo sikuyo.

Ngomnyaka wama-2016, iBumble Books yaphumelela ibhaso elidume kumhlaba wonke loyena mpapashi ugqwesileyo wonyaka iBologna Prize Children's Publisher of the Year: Africa, yaza ngomnyaka wama-2017 yamenywa ukuba izimase iShanghai Visiting International Publishers Programme Fellowship. Ngenyanga yokwindla kulo nyaka, iBumble Books yasungula iBumble Books Literacy Campaign, apho, ngencwadi nganye ethengisiweyo eyayisandula kupapashwa, iBumble yayiza kunikezela ikopi yaloo ncwadi kwiprojekthi yelitheresi, esikolweni, esibhedlela, okanye kwihlala leencwadi elinentswelo.

Zininzi iincwadi zemifanekiso ezinokonwatyelwa ngabafundi abancinane (nabadadlana!). Kumaphepha elesi-5, 6, nelesi-7, olu hlelo siquka u*Catnap*, incwadi yeBumble Books enemifanekiso engenamagama, elungiselelwe ukuba ibe yingqokelela yencwadi-onokuyisika-uze-uyigcine!

Ngolwazi olongezelekileyo ngeBumble Books, nceda uqhagamshelane noRobin Stuart-Clarke kwinqanaba ethi 021 789 0155 okanye ku-[robin@bumblebooksonline.com](mailto:robin@bumblebooksonline.com) / [facebook.com/bumblebooks](https://www.facebook.com/bumblebooks).



## EXPLORE

### Africa through books!

Get-Caught-Reading Month gives you a wonderful reason to read books on different topics that interest you and your children. What a great way to learn things together!

People all over the world also celebrate **Africa Day** on **25 May**. One important way to celebrate Africa and all the countries on the African continent is to read and tell stories, recite poems and sing songs that have a connection to Africa. Why not make it your goal to read stories, recite poems and sing songs about a different African country every month?



## HLOLA

### iAfrika ngeencwadi!


INyanga-yokuBhaqwa-uFunda ikunika isizathu esibalulekileyo sokufunda iincwadi ngezihloko ezahlukeneyo ezinomdla kuwe nabantwana bakho. Enjalo yona ukuba ntle indlela yokufunda kunye izinto!

Abantu kumhlaba wonke nabo babhiyozela **usuku lweAfrika** ngomhla wama-**25 kuCanzibe**. Enye yeendlela zokubhiyozela iAfrika nawo onke amazwe akwilizwekazi leAfrika kukufunda nokubalisa amabali, ukucengeleza imihobe nokuvuma iingoma ezinonxibelelwano neAfrika. Kutheni wena ungakhe uyenze ibe yinjongo yakho ukufunda amabali, ucengeleze imihobe uze ucule iingoma ngelizwe elahlukileyo leAfrika ngenyanga nganye?

## Spread the love and tell us your African stories

Nal'ibali is looking for short, original children's stories in all 11 official SA languages to publish in print and on air. Help us keep spreading the joy of reading far and wide. Send your story today in a Word document to [stories@nalibali.org](mailto:stories@nalibali.org)

For story guidelines see [www.nalibali.org/story-resources/your-stories](http://www.nalibali.org/story-resources/your-stories)



## Yandisa uthando ngokusibalisele amabali akho aseAfrika

UNal'ibali ukhangelisa amabali amafutshane angawabantwana ngemveli, ngeelwimi zonke ezili-11 ezisesikweni eMzantsi Afrika ukuze apapashwe ngokuwabhalwa nangokuwafunda kusasazo. Khawusincele ngokusoloko sisandisa ulonwabo lokufunda kangangoko. Thumela ibali lakho namhlanje ulibhale kwi-Word document ku-[stories@nalibali.org](mailto:stories@nalibali.org)

Ngezikhokelo jonga ku-[www.nalibali.org/story-resources/your-stories](http://www.nalibali.org/story-resources/your-stories)



Drive your imagination

## Bumble Books must-reads!



## IiBumble Books omelwe ukuba uzifunde!

### Copycat

By Sadia Ismail

Illustrated by Dale Blankenaar

For 3 to 8 years

Available in English and Afrikaans

Have you ever met an alien from outer space?

Find out what happens when an alien visits Kagiso one night.



### Copycat

Ibhalwe nguSadia Ismail

Imizobo nguDale Blankenaar

Ilungele abaminyaka mi-3 ukuya kwesi-8

Ifumaneka ngesiNgesi nangeAfrikansi

Ingaba wakha wadibana nomntu ongaqhelekanga osuka emajukujukwini?

Fumanisa okwenzeka kuKagiso xa endwendwelwa ngumntu ongaqhelekanga ngabusuku buthile.



### Penguin and Bear


By Deidre Matthee

Illustrated by Maria Lebedeva

For 3 to 8 years

Available in English and Afrikaans

Just because Penguin and Bear don't live in the same place any more doesn't mean they can't still be friends!



### Penguin and Bear


Ibhalwe nguDeidre Matthee

Imizobo nguMaria Lebedeva

Ilungele abaminyaka mi-3 ukuya kwesi-8

Ifumaneka ngesiNgesi nangeAfrikansi

Nakuba uPhengwini noBhere bengasahlali kwindawo enye loo nto ayithethi ukuba abangehlali bengabahlobo!



### The Big Rescue – A Little 5 Tale

Written and illustrated by Janina Pechova

For 3 to 8 years

Available in English and Afrikaans

We all know the animals that make up the Big 5: elephant, leopard, rhinoceros, buffalo and lion. But have you come across the Little 5?

The long-nosed elephant shrew, the spotted leopard tortoise, the sharp-nosed rhinoceros beetle, the brave buffalo-weaver bird and the sharp-toothed ant lion. They are easy to miss in the African bush because they are so small! Can the Little 5 find Puppy before bedtime?



### The Big Rescue – A Little 5 Tale

Ibhalwe yazotywa nguJanina Pechova

Ilungele abaminyaka mi-3 ukuya kwesi-8

Ifumaneka ngesiNgesi nangeAfrikansi

Sonke siyazazi izilwanyana ezi-5 eziKhulu: indlovu, ihlosi, umkhombe, inyathi nengonyama. Kodwa wakha wadibana neziHlanu eziNcinci?

Injeje empumlo-nde, ufudo lwentaba, uqongqothwane, umthungi wenyathi nebhungane elingumqwengi-mbovane. Kulula ukungaziboni kumatyholo aseAfrika kuba zincinci kakhulu! Ingaba isi-5 siNcinci singamfumana Umbundlwana phambi kokuba kulalwe?


### Farrah is not a dalmatian

Written and illustrated by Adrie le Roux

For 3 to 8 years

Available in English and Afrikaans

Farrah is a small dog with a big problem. Everyone thinks that she is something that she is not! What happens when no one notices that you are different?



### Farrah is not a dalmatian

Ibhalwe yazotywa nguAdrie le Roux

Ilungele abaminyaka mi-3 ukuya kwesi-8

Ifumaneka ngesiNgesi nangeAfrikansi

UFarrah yinjana enengxaki enkulu. Wonke umntu ucinga ukuba uyinto angeyiyo! Kwenzeka ntoni xa kungekho mntu uqaphela ukuba wena wahlukile?


### Vumile and the Dragon

Written by Claerwen Howie

Illustrated by Lisa Strachan and Meg Jordi

For ages 6 to 12 years

Available in English



### Vumile and the Dragon

Ibhalwe nguClaerwen Howie

Imizobo nguLisa Strachan noMeg Jordi

Ilungele abaminyaka mi-6 ukuya kweli-12

Ifumaneka ngesiNgesi

### Goggy Bakes Banana Bread


Written and illustrated by John Macfarlane

For 3 to 8 years

Available in English and Afrikaans

It looks like things are about to get messy; but with your help, Goggy's banana bread will be delicious ...

The perfect read for mums, dads and carers to keep hungry tots up to eight years old entertained while learning about colours, shapes, sizes, and quantities – and how to bake a delicious banana bread, too!



### Goggy Bakes Banana Bread

Ibhalwe yazotywa nguJohn Macfarlane

Ilungele abaminyaka mi-3 ukuya kwesi-8

Ifumaneka ngesiNgesi nangeAfrikansi

Kubonakala ngathi izinto seziza konakala, kodwa ngoncedo lwakho, isonka sikaGoggy seBhanana siza kubamndi ...

Eyona ifanelekileyo incwadi yokufundwa ngoomama, ootata nabagcini babantwana ukugcina abantwana abalambileyo abasabhadazayo ukuya kwabaminyaka isibhozo bonwabile logama befunda ngemibala, iimilo, ubungakanani nobuninzi – kanjalo nendlela yokubhaka isonka seBhanana esimndi!



## Get creative!



Words make us think! Here are a few quick, fun word games to play with your family and at your reading club.

**You will need:** paper; scissors; pens or pencils; Prestik (optional)

### What to do

1. Prepare for the activity by cutting up paper into small pieces that are about 4 cm x 5 cm. It doesn't matter if the measurements are not exact. If you can use sheets of different coloured paper, that is even better!
2. Give each person between 8 and 10 pieces of paper and a pencil or pen.
3. Now you should all write one word on each piece of paper. As you do this:
  - ★ don't think too hard about what words to write, just write down the words that pop into your head!
  - ★ don't worry about spelling the words correctly – that can always be corrected later, as long as you know what the word says.
  - ★ help younger children by writing the words they tell you.



4. Put all the words in an open area (like on a wall or on the floor) where everyone can see them. Then try out one or more of these ideas.
  - ★ Choose words to combine into unusual pairs. For example: *monster stars* or *fly flowers*.
  - ★ Choose one word, then see how many of the other words you can use with it. For example: *lost flowers*, *lost monster*, *lost stars*, *lost window*, *lost window flowers*, *lost fly*, etc.
  - ★ Choose 10 words and see how many different sentence combinations you can make with them. (You may need to use other words, like *the*, *and*, *a*, *to*, *but*, *on*, to link the words you choose.)
  - ★ Choose words and build poems with them. You'll need to add linking words here too.

## Sebenzisa ubugcisa bakho!



Amagama asenza sicinge! Nantsi imidlalo yamagama yokuzonwabisa, embalwa nequphayo onokuyidlala nosapho lwakho nakwiklabhu yakho yokufunda.

**Uya kudinga:** iphepha; isikere; iipeni okanye iipenisile; iprestiki (ayinyanzelekanga)

### Okufanele ukwenziwa


1. Lungiselela umsebenzi ngokusika amaphepha abe ziziqwengana ezincinane ezimalunga nesi-4 cm x 5 cm. Akunamsebenzi nokuba imilinganiselo ayilingani ncam. Kungakuhle ngakumbi xa unokusebenzisa iphepha elimabalabala!
2. Nika umntu ngamnye phakathi kweziqwengana zamaphepha ezisi-8 nezili-10 kunye nepenisile okanye ipeni.
3. Ngoku nifanele ukuba nonke nibhale igama elinye kwiphethshana ngalinye. Xa nisenza oku:
  - ★ ningacingi nzulu ngokuba ngawaphi amagama eniza kuwabhala, bhalani nje amagama afika engqondweni yakho!
  - ★ ungazihluphi ngokupela amagama ngokuchanekileyo – iimpazamo zinokuphinda zilungiswe emva kwexesha, okufunekayo kukuba ulazi igama ukuba lithetha ntoni.
  - ★ ncedisa abantwana abaselula ngokubhala amagama abakuxelela wona.

4. Beka onke amagama kwindawo eselubala (njengaseludongeni okanye phantsi) apho wonke umntu anokuwabona. Ngoku zama uluvo olunye nangaphezulu kwezi zimvo.
  - ★ Khethe amagama anokudityaniswa abe zizibini ezingaqhelekanga. Umzekelo: *igongqongqo iinkwenkwezi* okanye *impukane iintyatyambo*.
  - ★ Khethe igama libe linye, ukuze ubone ukuba mangaphi amanye amagama onokuwasebenzisa nalo. Umzekelo: *igongqongqo ilahlekile*, *iintyatyambo zilahlekile*, *ifestile ilahlekile*, *impukane ilahlekile*, njalo njalo.
  - ★ Khethe amagama ali-10 ukuze ubone ukuba zingaphi izivakalisi ezahlukahlukeneyo ezinokudityaniswa ngawo. (Usenokudinga ukusebenzisa amanye amagama, afana nala, *kodwa*, *kunye*, *futhi*, *nangona*, ukuze udibanise amagama owakhethayo.)
  - ★ Khethe amagama uze uqambe imibongo ngawo. Nalapha uza kudinga ukongeza amagama okudibanisa.



### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.





### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination



**It's Sam and Cat's bedtime. All is quiet until suddenly Cat is woken by a strange noise ... What can it be?**

There's a Rat playing football with a marble! Quickly the chase is on!

Sam wakes up, and Dad says, "Go to sleep, Sam!"

Now Cat is ready to play!

But Sam wakes up again and shouts for Dad. "Cat keeps playing football, Dad!"

"I think you're dreaming, Sam!" says Dad.

Sleep tight, Sam! Sleep tight, Cat and Rat!



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)






UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

*Robin Stuart-Clark*



Drive your imagination





“Please help me find my laugh, Monkey,” said Spotty.  
 “How did you lose it?” asked Monkey.  
 “When I laugh, you can see my big teeth. That makes everyone frightened,” said Spotty. “Then I got sad and my laugh just disappeared. I can't find it anywhere.”

“Ndiccede ndiphinde ndifumane ukuhleka kwam, Nkawu,” watsho uSpotty.  
 “Kulahleke njani?” wabuza uNkawu.  
 “Xa ndihleka, ayabonakala amazinyo am amakhulu. Oko kothusa wonke umntu,” watsho uSpotty. “Ndasuka ke ngoko ndaba lusizi kwasuka kwanyamalala ukuhleka kwam. Andikufumani naphi na.”



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

# Ukuhleka okulahlekileyo

## The lost laugh

*Karen Lilje*  
*Michelle Preen*  
*Wilna Combrinck*




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination



“Please help me find my laugh,  
Hippo,” said Spotty.  
“I can’t hear a laugh down here,”  
said Hippo.



“Kodwa ubukuhangela  
endaweni engafanlekanga,”  
watsho uNkawu engcileza  
ephuma emthini ukuze achole  
usiba. Waga la wanyumbaza uSpotty  
kuyo yonke indawo.

USpotty, ingcuka, wayelusizi kakhulu.  
Wayelahlekelwe kukuhleka kwakhe.

“His laugh was inside him all the time.  
I just made him happy and out it came,”  
explained Monkey.

They all laughed and laughed so that  
their teeth showed too.

“I’ll never lose my laugh again,” said  
Spotty, the happy hyena.





“But you were looking in the wrong place,” said Monkey as she hopped out of the tree and picked up a feather. Then she began to tickle Spotty all over.



“Ndingcede ndiphinde ndifumane ukuhleka kwam, Mvubu,” watsho uSpotty. “Akkho kuhleka ndikuvayo ezantsi apha,” watsho uMvubu.

“Ukuhleka kwakhe bekusoloko kungaphakathi kuye ngalo lonke ixesha. Ndithe ndakumvuyisa kwaphumela ngaphandle,” wachaza uNkawu.

Basuka bahleka, bahleka bonke kwade kwabonakala amazinyo abo.

“Andisayi kuphinda ndilahlekelwe kukuhleka kwam kwakhona,” watsho uSpotty, ingcuka eyonwabileyo.

Spotty, the hyena, was very sad. He had lost his laugh.





“Please help me find my laugh,  
Giraffe,” he asked.  
“I can’t hear a laugh up here,”  
said Giraffe.





“Ndincede ndiphinde ndifumane  
ukuhleka kwam, Ndlulamthi,” wacela.  
“Akukho kuhleka ndikuvayo phezulu  
apha,” watsho uNdlulamthi.




Engangxamanga  
uSpotty waqala wancuma,  
waze wayekelela ukuhleka  
okukhulu nokuvakala  
kakhulu. Wahleka wahleka wade  
wazibhuqabhuqa emhlabeni.  
Zonke nezinye izilwanyana zasuka  
zahleka nazo. “Ukufumene phi ukuhleka  
kwakhe?” zabuza.

Slowly Spotty started smiling, and then  
he let out a big, loud laugh. He laughed and  
laughed until he was rolling around on  
the ground.

All the other animals started laughing too.  
“Where did you find his laugh?” they asked.





## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Catnap* (pages 5, 6, 11 and 12), *The lost laugh* (pages 7 to 10) and *The girl who accidentally went to space* (page 14).



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi imisebenzi yokuba uyilinge. Isekelwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *Catnap* (amaphepha 5, 6, 11 nele-12), *Ukuhleka okulahlekileyo* (amaphepha 7 ukuya kwi-10) kunye nelithi *Intombazana eyazibona seyisemajukujukwini* (iphepha le-15).

### Catnap

- ★ At the start of the story, what did you think would happen with the cat and the rat? Why did you think so?
- ★ How did you feel when the cat and the rat started playing soccer with the marble? Do you think the cat and the rat had fun?
- ★ Pretend that you are the rat. Write a thank you note to the cat. What do you think the rat would say thank you for? Now pretend that you are the cat. What would the cat say in its thank you note to the rat?



### Catnap

- ★ Ekuqaleni kwebali ubucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni kwikati nempuku? Bekutheni ukuze ucinge ngolo hlobo?
- ★ Uzive njani xa ubona ikati nempuku ziqala ukudlala ibhola ekhatywayo ngemabhile? Ucinga ukuba ikati nempuku bezonwabile?



- ★ Yenza ngathi uyimpuku. Bhalela ikati umyalezo wombulelo. Ikati inokuba ibiza kuthini kumyalezo wombulelo wayo kwimpuku?

### The lost laugh

- ♥ In this story, Spotty, the hyena, has lost his laugh. How did this happen? Where could it be? And can the other animals help him find it?
  - ▀ Pages 2 and 3: Why do you think the hyena's name is Spotty?
  - ▀ Pages 4 and 5: What part of the giraffe's body do you think this is? Why can't we see the rest of Giraffe's body?
  - ▀ Pages 6 and 7: Where is Hippo? What do you think she is doing?
  - ▀ Pages 14 and 15: How do you think Spotty knows that he will never lose his laugh again?
- ♥ Suggest that your children use paper plates, glue and recycled materials to make hyena masks.



### Ukuhleka okulahlekileyo

- ♥ Kweli bali, uSpotty, ingcuka, ulahlekelwe kukuhleka. Kwenzeke njani oku? Ingaba kuphi? Ingaba ezinye izilwanyana zingamnceda ukuba akufumane?
  - ▀ Iphepha lesi-2 nelesi-3: Nicinga ukuba kutheni igama lengcuka linguSpotty?
  - ▀ Iphepha lesi-4 nelesi-5: Yeyiphi indawo yomzimba wendlulamthi ocinga ukuba yiyo le? Kutheni singaziboni ezinye iindawo zomzimba kaNdlulamthi?
  - ▀ Iphepha lesi-6 nelesi-7: Uphi uMvubu? Ucinga ukuba wenza ntoni?
  - ▀ Iphepha le-14 nele-15: Nicinga ukuba uSpotty wazi njani ukuba akasayi kuphinda alahlekelwe kukuhleka kwakhe kwakhona?
- ♥ Cela abantwana bakho ukuba basebenzise iipleiyiti zamaphepha, iglu nezinto ezihlaziyiweyo ukwenza izigqibuthelo zeengcuka.

### The girl who accidentally went to space

- ✈ Draw a picture of how you think a spaceman would look.



### Intombazana eyazibona seyisemajukujukwini

- ✈ Zoba umfanekiso ngendlela ocinga ukuba usomajukujuku ukhangeleka ngayo.

My spaceman / Usomajukujuku wam





## The girl who accidentally went to space



Written by Jeanine Vermaak ■ Illustrated by Magriet Brink and Leo Daly

Lesedi loved the stars. While other children couldn't wait for it to be morning, she couldn't wait for night-time. She wasn't scared of the dark at all. She loved to go outside before bedtime just to look up at the night sky.

Now, imagine all the stars she saw. Hundreds and hundreds of bright, twinkling stars and the big, round, yellow moon.

"It's almost bedtime, Lesedi!" called the little girl's mother.

"Coming, Mama!" Lesedi called back.

But Lesedi wasn't ready to go inside. She wanted to count the stars. "One, two, three, four ..." Lesedi had counted up to one hundred and thirty-three when she heard her mother call again.

As she turned to go indoors, she noticed a huge, bright light in the sky. It was coming closer and closer. It was a giant spaceship! Lesedi did not take her eyes off it and watched as it landed right there in her front garden.

Lesedi walked over to the spaceship and touched it. It was smooth and shiny and felt warm. A big door on the side suddenly opened and a ramp lowered to the ground.

"Maybe I can just have a quick look inside," thought Lesedi.

Slowly, she walked up the ramp. There were bright lights and red and blue buttons everywhere. But it was the giant orange button just below one of the windows that grabbed her attention.

"I wonder what will happen if I press that?" she said aloud.

*BEEP* went the button as she pressed it. Then the door slammed closed and there was a loud *BOOM* as the engine started up. Next, she heard a voice over a speaker say, "Spaceship launching in 3, 2, 1..."

Lesedi felt the spaceship move! It shook from left to right; it shook up and down, and then it lifted off with a bang.

"Mama is going to be so cross," thought Lesedi, but she had a big smile on her face. She was finally going to space! Through the spaceship windows, she could see her house getting smaller and smaller as they flew upwards.

She waved and said, "Bye-bye, Mama! I won't be long!"

Up, up, up went the spaceship. It weaved in and around the stars. It looped round and round the planets and soared further and further into space. "Wait until I tell Tshepo and Amina about this at school," she thought.

Lesedi was still looking out of the window when she saw something up ahead. Could it be...? Yes, it was! It was the moon ... and there was a man standing on it. He seemed to be waving at her.

"It's the man on the moon!" shrieked Lesedi with excitement.



The man kept waving until the spaceship landed on the moon with a soft thump. Then he walked over and knocked on Lesedi's window.

"Hello," he said through the glass. "I don't get many visitors. What's your name?"

"I'm Lesedi," she said proudly. "I'm not supposed to be here. This isn't my spaceship. It landed in our garden, so I got in and then it took off!"

"That must be because you are a born explorer," said the man.

"I am. I love space and I especially love stars. In fact, my name, Lesedi, means light," she said.

"That's wonderful! Here's something to take home with you." Lesedi opened the window and held out her hand. The man gave her a small rock. "It's a special moon rock. Now you have something that will help you always to remember your adventure."

"Thank you so much, Man on the moon!"

Even though Lesedi was enjoying her adventure, she was starting to feel a bit tired. "Goodness! Mama is going to be worried about me!" she thought, yawning. She looked around. "Maybe if I press that orange button again, the spaceship will take me back home."

So she pressed it. Immediately, a voice came through the speaker again, saying, "Return journey beginning in 3,2,1..."

"Goodbye, Man on the moon," called Lesedi quickly.

"Goodbye, Lesedi. I hope I see you again," he said, waving to her.

The spaceship lifted off the moon and slowly turned around. Lesedi could see Planet Earth far below. It looked like the blue bouncing ball she and her friends loved to play with. Then she felt the spaceship whoosh down, down, down, until it landed in her garden with a bump. The door opened, and the ramp came down.

"I'm home!" shouted Lesedi.

She ran down the ramp and looked up at the big, round, yellow moon, and thought that she saw a tiny man waving.



When Lesedi's mother came outside looking for her, she found her daughter lying fast asleep on the grass.

"Oh my little girl, you must have been so tired," she said picking her up.

She carried Lesedi inside and tucked her into bed. Then she felt something in Lesedi's hand. It was a round, grey stone.

"Funny little girl," she smiled, kissing Lesedi's forehead.

Then she switched off the light and left the room, not noticing that the round, grey stone was glowing in the dark.



Drive your  
imagination



## Intombazana eyazibona seyisemajukujukwini

Ibhalwe nguJeanine Vermaak ■ Imifanekiso nguMagriet Brink noLeo Daly

ULesedi wayezithanda iinkwenkwezi. Nakuba abanye abantwana babengxamela ukuba kude kuse, yena wayengxamela ukuba kude kuhlwe. Wayengaboyiki konke ubumnyama. Wayekuthanda ukuphumela phandle phambi kokulala nje ukuba ajonge isibhakabhaka ebusuku.

Ngoku, yiba nomfanekiso-ngqondweni wazo zonke iinkwenkwezi awayezibona. Amakhulukhulu eenkwenkwezi eziqaqambileyo ezikhazimlayo, nenyanga enkulu, engqukuva, etyheli.

"Lixesha lokulala, Lesedi!" wamemeza watsho umama wentombazanana.

"Ndiyeza, Mama!" waphendula uLesedi.

Kodwa uLesedi wayengekakulungeli ukungena. Wayefuna ukubala iinkwenkwezi. "Inye, zimbini, zintathu, zine..." ULesedi wayesele ebale waya kutsho kwikhulu elinamashumi amathathu anesithathu ukuva kwakhe umama wakhe ememeza kwakhona.

Wathi xa eguqumela ukungena, waqaphela ukukhanya okukhulu, okuqaqambileyo esibhakabhakeni. Kwakuya kusondela ngokusondela. Yayisisiphekepheke esikhulu! ULesedi zange awasuse amehlo akhe kuso waza wabukela njengoko sasihlala phantsi egadini yakowabo engaphambili.

ULesedi waya kwisiphekepheke waza wasichukumisa. Sasigudile saye sasimenzela saye sasivakala sifudumele. Kwavuleka ngesaquphe ucango olukhulu olusecaleni kwaza kwehlela emhlabeni inqwanqwa lokunyathela.

"Mhlawumbi ndingakhe ndijonge ngaphakathi ngokukhawuleza," wacinga uLesedi.

Wahamba ngokuthe chu, wenyuka inqwanqwa lokunyathela. Kwakukho izibane eziqaqambileyo namaqhosha abomvu nazuba yonke indawo. Kodwa yayiliqhosha elikhulu elimthubi elalingaphantsi nje kweefestile elatsala umdla wakhe.

"Ingaba kungenzeka ntoni bethu xa ndinokulicofa?" watsho ngokuvakalayo.

*PR-HH* latsho iqhosha njengoko wayelicofa. Lwaza ucango lwavaleka mba kwaza kwakho isandla esikhulu esithi *VR-U-U-M* njengoko injini yayiqalisa ukuduma. Okulandelayo, weva ilizwi kumboko wokuthetha lisithi, "Isiphekepheke siyaphakama 3, 2, 1..."

ULesedi wasiva isiphekepheke sishukuma! Sashukuma ukusuka ngasekhohlo ukuya ngasekunene; sashukuma ukunyuka nokuhla, saza senyuka ngesandi esikhulu.

"UMama uza kukhathazeka kakhulu," wacinga uLesedi, kodwa wayenoncumo olukhulu ebusweni bakhe. Wayesiya emajukujukwini ekugqibeleni! Ejonge ngeefestile zesiphekepheke, wayekwazi ukuyibona indlu yakowabo isiya iba ncinci ngokuba ncinci njengoko babebhabhela phezulu.

Wawangawangisa ngesandla ebulisa waza wathi, "Usale kakuhle Mama! Ndiza kubuya kwangoku!"

Phezulu, phezulu, phezulu senyuka isiphekepheke. Sathungathungela sijikeleza phakathi kweenkwenkwezi. Sajikela sajikeleza iiplanethi saza senyukela phezulu kakhulu emajukujukwini. "Andisangxame ngako ukude ndibalisele uTshepo noAmina ngale nto esikolweni," wacinga.

ULesedi wayesakrobe ngefestile xa wabona into ngaphambili. Ingaba yi...? Ewe yayiyiyo! Yayiyinyanga... yaye kwakukho indoda eyayimi phezu kwayo. Yawangawangisa isandla ngokungathi iyambulisa.

"Yindoda esenyangeni!" watswina watsho uLesedi ngochulumanco.



Indoda yaqhubeka yawangawangisa isandla sada isiphekepheke sahlala enyangeni ngesandi esithambileyo. Yaza yasondela yankqonkqoza efestileni kaLesedi.

"Molo," yatsho ivele efestileni. "Andifumani zindwendwe zininzi. Ngubani igama lakho?"

"NdinguLesedi," watsho ngokuzingca. "Andimelwanga ukuba ndilapha. Ayisosiphekepheke sam esi. Siye sahlala egadini yethu, ngoko ke ndiye ndangena saza sanduluka!"

"Inokuba kungenxa yokuba uyintlole ngendalo," yatsho indoda.

"Ndiyoyi. Ndiyawathanda amajukujuku ndaye ndizithanda ngokukhethekileyo iinkwenkwezi. Eneneni igama lam uLesedi, lithetha ukukhanya," watsho.

"Yantle loo nto! Nantsi into omawugoduke nayo." ULesedi wavula ifestile wakhongozela. Indoda yamnika ilityana. "Lilitye elikhethekileyo lasenyangeni. Ngoku unento eya kukunceda ukusoloko ukhumbula uhambo lwakho lobudelangozi."

"Enkosi kakhulu, Ndoda esenyangeni!"

Nangona uLesedi wayelonwabele uhambo lwakhe lobudelangozi, wayeqalisa ukuziva ebudinwa. "Yhe bethuna! UMama uza kuba nexhala ngam!" wacinga, ezamla. Wabhekabheka. "Mhlawumbi ukuba ndicofa eliya qhosha limthubi kwakhona, isiphekepheke sakundigodusa."

Walicofa ke. Ngesaquphe ilizwi lavakala kumboko wokuthetha kwakhona lisithi, "Uhambo olugodukayo luyaqala 3, 2, 1..."

"Sala kakuhle, Ndoda yasenyangeni!" wakhwaza uLesedi ngokukhawuleza.

"Hamba kakuhle Lesedi. Ndiyathemba ndizakukubona kwakhona," watsho ewangawangisa isandla embulisa.

Isiphekepheke saphakama sesuka enyangeni saza sajika sithe chu. ULesedi wayekwazi ukubona iPlanethi Mhlaba kude ezantsi. Yayikhangeleka ngathi yibhola ezuba eqakathayo yena nabahlobo bakhe ababethanda ukudlala ngayo. Waza wasiva isiphekepheke sihuza ukuhlela ezantsi, ezantsi, ezantsi, sada sathi ngcu egadini yakowabo. Ucango lwavuleka, laza inqwanqwa lokunyathela lehlela phantsi.

"Ndisekhaya!" wakhwaza uLesedi.

Wabaleka wehla ngenqwanqwa lokunyathela waza wajonga phezulu kwinyanga enkulu, engqukuva, etyheli, waza wacinga ukuba ubona indoda encinane iwangawangisa isandla ibulisa.



Wathi umama kaLesedi akuphuma phandle emkhangela, wayifumana intombi yakhe ilele cum engceni.

"Owu sana lwam, unokuba udinwe kakhulu," watsho emfunqula.

Wamngenisa ngaphakathi endlwini wamqoshele ebhedini. Waza weva into esandleni sikaLesedi. Yayililitye elingqukuva, elingwevu.

"Intombi encinci ehlekisayo," wancuma, emphuza uLesedi ebumzi.

Waza wacima isibane waphuma endlwini, engaqaphelanga ukuba ilitye elingqukuva, elingwevu lalikhanya ebumnyameni.



Drive your  
imagination

## Nal'ibali fun

Have fun celebrating Mother's Day in May by making a card for your mom or for someone who is like a mother to you.

### Follow these instructions.

1. Cut out the card along the red dotted line.
2. Fold the card along the black dotted line.
3. Glue the two parts together.
4. On the side with the picture, write a message to the person you will give the card to. Colour in the picture.
5. On the other side, draw a picture of you and this person together, or write a poem or a longer message.



## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Yonwaba ubhiyozela uSuku looMama ngenyanga kaCanzibe ngokwenzela umama wakho okanye umntu ofana nomama kuwe ikhadi.

### Landela le miyalelo.

1. Sika ikhadi ulandela imigca ebomvu echokoziweyo.
2. Goba ikhadi ulandela umgca omnyama ochokoziweyo.
3. Ncamathisela kunye amacala amabini.
4. Kwicala elinomfanekiso, bhalela umntu oza kumnika ikhadi umyalezo. Fakela imibala kumfanekiso.
5. Kwelinye icala, zoba umfanekiso wakho nalo mntu nikunye, okanye ubhale umhobe okanye umyalezo omde.



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:



[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)



[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)



[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.

RISING SUN

PROTEA

RECORD

UMLAZI EYETHU

Bonus

LENTSWE THE VOICE OF MATLORANA

RIDGE TIMES



Drive your imagination

